basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL
# SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

## IPHEPHA LOKUQALA (P1)

## EXEMPLAR 2014

## IMEMORANDAM

**AMANQAKU: 70**

**Le memorandam inamaphepha ali-7.**

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

Imigaqo yokuMakisha uVavanyo lokuqonda

- Ngenxa yokuba kugxininiswa ekuqondeni, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mabanyityelwa manqaku ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ukuqonda. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)
- Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungesiso isiXhosa, mawangathathelwa ngqalelo, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, makanganyityelwa manqaku. Ukanti, xa igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyincedisa impendulo, oku kuya kwamkeleka.
- Ngokubhekiselele **kwimibuzo gabalala emalunga nokuthatha icala uze uzixhase**, akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.
- Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO.
- Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.
- Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esisivakalisi esipheleleyo, makumakishwe **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/liqaqanjisiwe.
- Ukuba kufunwa iimpendulo ezimbini ukuya kwisithathu/amanqaku amabini ukuya kwisithathu, aze umviwa anike ezingaphaya, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala** ngokuhambelana nombuzo.
- Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.
- Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

1.1 **ISICATSHULWA A**

1.1.1 'Nokuba yintoni oyenzayo, ungajongi ezantsi.'✓ (1)

1.1.2 Akazange walinganisa omnye umntu, waba nguye.✓ (1)

1.1.3 Abazali bakhe babengenamali yokuba aqhube esikolweni/ ukumhlawulela.✓ (1)

1.1.4 Kukwa-Inspiration.✓ (1)

1.1.5 Wayemkhuthaza ukuba angayeki ukusasaza ngenxa yezigxeko.✓✓ (2)

1.1.6 Wabona likamva lakhe limfiliba engenathemba lempumelelo, kumnyama ebomini bakhe.✓✓ (2)

1.1.7 B/Ukuzidelela.✓ (1)

1.1.8 Ewe siyahambelana kuba sifunda ukuba yiba nguwe.✓✓/ bhiyozela italente yakho. ✓✓/umbulelo ubalulekile.✓✓/ukubaluleka kwenkuthazo ebomini bomntu.✓✓/ukungaphumeleli kwilixa lokuqala ayikokuphela kobomi.✓✓
(Nasiphi isibini kwezi) (2)

1.1.9 Kuvavanyo lokuqala wayengazi nto ngeTV okanye nantoni edibene nosasazo. Kuvavanyo lwesibini wayesele enamava okuba phambi kwekhamera.✓✓ (2)

1.1.10 Kufuneka ube nelizwi elilungele umabona kude✓/ukuzithemba, ukwazi ukumelana nezigxeko ✓/ukuba nguwe✓/ukuzithemba nokungamameli zigxeko✓/ukuba nabaxhasi✓/amava angqamene nomsebenzi lowo.✓

(Nayiphi na kwezi) (1)

1.1.11 Wasusa intandabuzo wazixelela ukuba unako watsho wakwazi ukuzimelana notshintsho lwenkqubo.✓ (1)

1.1.12 Waba nemali ethe kratya epokothweni kunangaphambili.✓ (1)

1.1.13 Bangaya kumajelo okubolekisa imali.✓/bangacela nenkxaso -mali.✓/isipho -mali✓/noncedo -mali.✓

(Nasiphi isibini kwezi) (2)

1.1.14 Ibonakalisa ukuba ayisoze ibe ngcono xa kungaxhaswa kwabafundi kwezemfundo kwaye oko kwenyusa inqanaba lolutsha olungaphangeliyo noluthi lubhenele kubundlobongela.✓✓/ inqanaba lokungaphangeli kwabemi boMzantsi Afrika lixhomile.✓✓ (2)

## 1.2 ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

1.2.1 Unxibe isidanga✓/uphethe isatifikethi✓/uthwele imothabhodi✓/ umxwayo wezifundiswa.✓ (1)

1.2.2 Uyavuya✓✓/Uxolile.✓✓ (2)

1.2.3 Kukubonisa ukuba impumelelo ayifumaneki lula✓✓/Kukubonisa ukuba impumelelo iqala ezantsi✓✓/Kukubonisa ukuba impumelelo inamanqanaba.✓✓

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

1.2.4 Angawa aqhekeke ubuchopho✓/Angawa enzakale.✓ (1)

1.2.5 Kwisicatshulwa A sino Luthando ophelelwe yimali yokufunda akanikezeli uyazama de aphumelele.✓✓ Kanti kwicatshulwa B sinomfo onyuka ileli ekucaca ukuba nangona esondele encotsheni kukho umgama esele ewuhambile kungelula.✓✓ (4)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

## UMBUZO 2

### Ukumakisha isishwankathelo

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye.)
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engachapulanga ngqo.**
  - 1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1.
  - 4–5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
  - 6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi echapule ngqo.**
  - 6–7 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
  - 1–5 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

- **Ubalo-magama:**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

Naziphi na iingongoma ezisi-7 kwezi zilandelayo ziyimpendulo yombuzo:

| UCAPHULO | | IINGONGOMA | |
|---|---|---|---|
| 1. | Ubomi ngu-ina-ethe, xa ufuna ukunyuka kufuneka uqale phantsi. | 1. | Ubomi abuyondlwana iyanetha bukunika le nto ubunika yona, kwaye kufuneka ungonqeni ukuqala ezantsi. |
| 2. | Ayisosiphelo sakho ukoyisakala, ngaphandle kokuba uyakuvumela. | 2. | Singabantu asimelanga ukuba sikuvumele ukuphela amandla kukoyisakala, kuba akuthethi ukuba kuphelile ngawe. |
| 3. | Akukho nelinye ibali lomntu ophumeleleyo endakha ndalifunda elingazange libe nakho ukoyisakala. | 3. | Kuwo onke amabali omntu ophumeleleyo, alikho elomntu ongazange akhe angcamle ukuwa phantsi. |
| 4. | Ukoyisakala kuyafundisa. | 4. | Kukho isifundo osifumanayo wakungaphumeleli entweni. |
| 5. | Kubalulekile ukulibala iinkcukacha ukuze ufunde isifundo. | 5. | Ukusoloko ukhumbula iinkcukacha zentsokolo oqale kuzo phambi kokuba uphumelele kuya kukudodobalisa. |
| 6. | Ngaphandle kokoyisakala sizala yimpakamo nekratshi. | 6. | Sikwazuza ukususwa kwesimo esibi esinjengokuzicingela sakungaphumeleli. |
| 7. | Ubomi bufana nesikolo. | 7. | Ukuphila kufana nesikolo apho ungakwazi ukudlulela kwelinye ibakala ude uphumelele eli bakala ukulo kuqala. |

**OKANYE**

Umlingwa uya kuchankcatha kula manqaku.

**UMHLATHI**

Ubomi abuyondlwana iyanetha bukunika le nto ubunika yona, kwaye kufuneka ungonqeni ukuqala ezantsi. Singabantu asimelanga ukuba sikuvumele ukuphela amandla kukoyisakala, kuba akuthethi ukuba kuphelile ngawe. Kuwo onke amabali omntu ophumeleleyo, alikho elomntu ongazange akhe angcamle ukuwa phantsi. Kukho isifundo osifumanayo wakungaphumeleli entweni. Ukusoloko ukhumbula iinkcukacha zentsokolo oqale kuzo phambi kokuba uphumelele kuya kukudodobalisa. Sikwazuza ukususwa kwesimo esibi esinjengokuzicingela sakungaphumeleli. Ukuphila kufana nesikolo apho ungakwazi ukudlulela kwelinye ibakala ude uphumelele eli bakala ukulo kuqala.

**[73]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: ULWIMI

**Ukumakisha iCandelo C**

- Upelo
    - Iimpendulo eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
    - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
    - Xa kuvavanywa izifinyezi, impendulo mayifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
- Ulwakhiwo lwezivakalisi kufuneka luchaneke ngokwemigaqo yolwimi kwaye lusetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
- Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

**UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO**

3.1 Kungenxa yokuba kubonisa islogan seli ziko mfudo libhengezwayo.✓ (1)

3.2 Ngumbuzo buciko.✓ (1)

3.3 Gxabhagxabhisa.✓ (1)

3.4 C/Izithuba ezikhoyo ziqingqekile.✓ (1)

3.5 Ibheji inobuso belanga, langa elo limele ukukhanya okunxulunyaniswa nemfundo.✓✓ (2)

3.6 Ewe kuba ndifuna ukuba nekamva eliqaqambileyo.✓✓/ndifuna ukuba yinkokheli.✓✓/ukuba yinkcubabuchopho.✓✓/ndifuna imfundo.✓✓/sifuna ukuzilolonga.✓✓/sifuna ukwazi iilwimi zonke.✓✓/ndifuna ukufundisa simahla kwikota yokuqala.✓✓/ndifuna inkxaso- mali.✓✓/ndifuna ukuloleka✓✓/ndifuna ukulandela ikhono endilifunayo.✓✓
(Nayiphi na kwezi) (2)

3.7 Uliveze ngokusebenzisa umfanekiso wesikolo onocingo lokhuseleko.✓✓ (2)
**[10]**

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

4.1 Umlomo uwuvule ng'a✓/indlela aqwalasela ngayo✓/izandla uzinamathisele kumatshini wokudlala.✓

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.2 Ubonisa indlela uLuyo amdelele ngayo uSiyo.✓ (1)

4.3 Lithetha ukongamela, lisuka kwisiNgesi.✓ (2)

4.4 Indlela azivule ngayo iingalo ibonisa uloyiso kunye nebinzana alisebenzisileyo 'kuzakucaca amakhwenkwe emadodeni.'✓✓ (2)

4.5 Umfundi uzifake engxakini ngokungawenzi umsebenzi wakhe engazi ukuba uzinqikela ilitye elinembovane.✓✓ (2)

4.6 Bendizakwala nam ukuhlamba iteki ezinukayo.✓✓/bendiza kuzihlaba ukuze ndifumane ithuba lokudlala elaneleyo.✓✓ (2)
**[10]**

**UMBUZO 5: ISICATSHULWA**

5.1 Isibanayo.✓ (1)

5.2 Sicacisa isenzi.✓ (1)

5.3 Intluzo.✓ (1)

5.4 Izenzo senzeka calanye.✓ (1)

5.5 Isizwe esinothando sikwabonakalisa ubunye kwinto ezininzi.✓ (1)

5.6 B/Ukuqaqambisa ukungabikho ntweni.✓ (1)

5.7 Ubhuti ufumela umntwana ukutya/umama ufunisa umntwana ilokhwe.✓✓

[Iimpendulo zabafundi ezichanekileyo ziya kwamkeleka.] (2)

5.8 5.8.1 B/Igatya elintanganye ✓
5.8.2 A/Igatya elintanganye (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**